



## Keep them reading!

Getting young children into the habit of reading is sometimes easier than keeping them reading as they get older! So, what can you do to make sure that your children keep reading throughout their childhood and into their teenage years? Here are some ideas.

### WHAT?

- ★ If you have been sharing books with your children since they were babies, then often by the age of 9, they like certain types of books. Some children like stories about characters in real-life situations; others like fantasy. Some children like adventure stories; others like science fiction. It is completely natural to decide that you prefer reading a particular type of book. In fact, it's part of becoming a more mature reader. So, don't worry if your children only want to read one or two types of books!
- ★ Remember to share different types of reading material with your children, such as magazine articles, poems, newspaper articles as well as interesting material on the internet.

### INTONI?

- ★ Ukuba ubusoloko usabelana nabantwana bakho ngeencwadi ukususela ngoko babeziintsana, kumaxesha amaninzi bathi befika kwiminyaka eli-9 ubudala, babe sebethanda iintlobo ezithile zeencwadi. Abanye abantwana bathanda amabali anabalinganiswa abafana nabaphila kwiimeko zobomi; kanti abanye bathanda amangalisayo. Abanye abantwana bathanda amabali obudela-ngozi; kanti kukho abathanda awenzululwazi abuntsomirha. Kuyazenzekela ukuba uthathe isigqibo sokuba uthanda uhlobo oluthile lwencwadi. Enyanisweni, oko yinxalenye yokuba ngumfundi ovuthwe ngakumbi. Ngoko ke, ungakhathazeki ukuba abantwana bakho bafuna ukufunda uhlobo olunye okanye iintlobo ezimbini zeencwadi!
- ★ Khumbula ukubonisa abantwana bakho iintlobo ezahluka-hlukileyo zezinto zokufunda, ezifana namanqaku akwiimagazini, imibongo, amanqaku akumaphephandaba ngokunjalo nezinto zokufunda ezinomdla kwi-intanethi.

### HOW?

- ★ Spend some time each day reading to your children – even if they are good readers themselves. Choose books that are slightly more difficult than the ones that they are able to read on their own.
- ★ Choose a book to read together and take turns reading two or three chapters to each other every day until it is finished.

### NJANI?

- ★ Chitha ixesha elithile kusuku ngalunye ufundela abantwana bakho – nokuba sebekwazi ukuzifundela kakuhle. Khetha iincwadi ezithande ukuba nzima kancinane kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokwabo.
- ★ Khetha incwadi eniza kuyifunda kunye nize ninikane amathuba okufunda izahluko ezibini okanye ezithathu yonke imihla ide iphele.

## Bagcine ngokufunda!

Ngamanye amaxesha ukuqhelanisa abantwana abancinci nomkhwa wokufunda kulula kunokubaqhelanisa nokufunda xa sebekhulile! Ngoko ke, ungenza ntoni ukuze uqinisekise ukuba abantwana bakho basoloko befunda ngalo lonke ixesha labo lobuntwana ukuya kwiminyaka yokufikisa kwabo? Nazi ezinye iimbono.



We will be taking a break until the week of **19 July 2019**. Join us then for more Nalibali reading magic!

Siza kukhe sihathe ikhefu kude kube yiveki yowe-19 kweyeKhala kowama-2019. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omininzi ummangaliso wokufunda kaNalibali!

### How to encourage readers


- ☞ If your children are aged 9 or older, and they are not yet able to read independently, try choosing picture books to read to them to start with. Books with traditional stories often have illustrations in them which make them suitable for late-starters or children who find reading difficult. Once you are used to reading together regularly, introduce short chapter books. These often have simple plots.
- ☞ Some teenagers can't get enough of books and always seem to have their nose in a book, while others often go through phases of hardly reading at all. Encourage less-regular readers by buying magazines for them, leaving a newspaper lying around, suggesting they visit websites with interesting content, and visiting the library or popping into a bookshop when they just happen to be with you!
- ☞ If you have friends with children of the same age as your children, then find out what their children are reading and suggest these books to your children.

### Indlela yokukhuthaza abafundi

- ☞ Ukuba abantwana bakho baneminyaka eli-9 okanye ngaphezulu, kodwa abakakwazi ukuzifundela ngokwabo, zama ukukhetha iincwadi zemifanekiso onokuqalisa ngazo ukubafundela. Iincwadi ezinamabali amandulo zikholisa ukuba nemizobo eyenza ukuba zithandekwe kwabo baqalise emva kwexesha nasebantwaneni abakubona kunzima ukufunda. Nakuba seniqhelile ukufunda kunye futhi nifunda rhoqo, baqhelanise neencwadi ezinezahluko ezifutshane. Zona zikholisa ukuba nezakhiwo zamabali ezilula.
- ☞ Abanye abantwana abafikisayo banengxaki yokufumana iincwadi ezaneleyo nangona besoloko befuna ukufaka iimpumlo zabo ezincwadini, kanti abanye badlula kwizigaba zokukhula kwabo mhlawumbi bengafundi kwanto. Khuthaza abo bangafundi ngokwaneleyo ngokubathengela iimagazini, ushiye iphephandaba lihleli phaya, ubacebise ukuba baye kwiwebhusayithi eziqulathe amanqaku anika umdla ucebise nangokuya elayibrari okanye ngokuya evenkileni yeencwadi xa kwenzekile waba nabo!
- ☞ Ukuba unabahlobo abanabantwana abalingana nabakho ngobudala, cela abantwana bakho ukuba bafumanise ukuba bafunda ntoni abantwana babo uze ucebise abantwana bakho ngezo ncwadi.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.



## Celebrate Africa Day!

Africa Day is celebrated on 25 May each year. It is the day on which we celebrate the start of the Organisation of African Unity (OAU) in 1963, as well as the freedom fought for by African countries. The OAU was replaced by the African Union (AU) in 2001. The African Union works to bring unity and peace to Africa.

Africa Day is a public holiday in only five African countries: Ghana, Mali, Namibia, Zambia and Zimbabwe. But, it is celebrated all over Africa, as well as by Africans living in other parts of the world!

Here are some ideas of how you can celebrate Africa Day.

- ★ Enjoy our special Africa Day focus in the story, *Auntie Boi's gift* (pages 7 to 10), and in "Nalibali fun" on page 16.
- ★ Sing songs and say rhymes in as many African languages as you know.
- ★ Tell or read a traditional African story.
- ★ Encourage your children to make a "Children of Africa" poster with their friends. They will need a large sheet of paper or cardboard, smaller pieces of paper or photographs, glue, scissors, kokis and/or pencil crayons. Let them start by finding photographs of themselves or drawing pictures of themselves on small pieces of paper. Next, they should arrange the photographs or pictures on a large sheet of paper so that there is space to write under or next to each photograph/picture. After they have pasted down the pictures or photographs, let them take turns writing a few interesting facts about each other.
- ★ We are all Africans and together our memories create the story of Africa! Make your own memory cards to capture your stories. You will need pieces of cardboard that are about the size of a quarter of an A4 page, sheets of paper the same size, pencil crayons or crayons, scissors and glue. Start by spending some quiet time in which you each think of a memory that is special and important to you. Now think about six to eight moments in that memory that will help you tell the story of that memory. Draw a picture on a sheet of paper for each of these moments. Paste the pictures on the cardboard to create memory cards. Let everyone have a turn to show their memory cards one at a time as they tell the story of their memory.



14. Indulimthi, 15. Mali  
6. Nile, 7. WZantisi Sudan, 8. Sahara, 9. Indlovu, 10. Ama-800, 11. WZantisi Afrika, 12. Victoria Falls, 13. Tlopiya, 14. Indulimthi, 15. Mali  
9. Elephant, 10. 800, 11. South Africa, 12. Victoria Falls, 13. Ethiopia, 14. Giraffe, 15. Mali  
Answers to bingo activity (page 16): 1. 55, 2. Algeria, 3. Nigeria, 4. About 2 000, 5. Kilimanjaro, 6. Nile, 7. South Sudan, 8. Sahara, 9. Elephant, 10. 800, 11. South Africa, 12. Victoria Falls, 13. Ethiopia, 14. Giraffe, 15. Mali

## Bhiyozela uSuku lweAfrika!

USuku lweAfrika lubhiyozelwa ngomhla wama-25 kuCanzibe minyaka le. Lusuku lokubhiyozela ukusungulwa kweQumrhu leManyano yeAfrika (iOrganisation of African Unity – iOAU) ngowe-1963, kwakunye nenkululeko eyalwelwa ngamazwe aseAfrika. Indawo yeOAU yathatyathwa yiMbumba yeAfrika (iAfrican Union – iAU) ngowama-2001. Ezinye zeenjongo zeMbumba yeAfrika kukudala ubumbano noxolo eAfrika.

USuku lweAfrika lusuku lweholide kawonke-wonke kumazwe amahlanu kuphela aseAfrika angala: iGhana, iMali, iNamibia, iZambia neZimbabwe. Nangona kunjalo, lubhiyozelwa kwiAfrika iphela nakwezinye iindawo ehlalathini apho kuhlala khona amaAfrika!

Nazi ezinye iingcebiso ngendlela onokubhiyozela ngayo uSuku lweAfrika.

- ★ Yonwabela ugqaliselo lwethu loSuku lweAfrika kwibali elithi, *Isipho sikaMakazi uBoi* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10), nakwicandelo "Okokuzonwabisa kwakwaNalibali" kwiphepha le-16.
- ★ Cula iingoma ucengceleze iingoma zabantwana ngeelwimi ezininzi zesiNtu kangangoko uzazi.
- ★ Balisa okanye funda ibali eliqhelekileyo laseAfrika.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukwenza ipowusta nabahlobo babo ethi "Abantwana beAfrika". Kuza kufuneka babe noxwebhu lwephepha okanye ikhadibhodi, amaphetshana amancinane okanye iifoto, iglu, isikere, iikhoki kunye/okanye neekhrayoni zepensile. Mabaqale ngokuza neefoto zabo okanye bazobe imifanekiso yabo kumaphetshana amancinane. Emva koko, kufuneka bazilungelane iifoto okanye imifanekiso kolo xwebhu lwephepha ukuze kubekho indawo yokubhala ngezantsi okanye ecaleni kwefoto/komfanekiso ngamnye. Emva kokuba beyincamathisele imifanekiso okanye iifoto, mabanikane amathuba okubhala amanqaku anomdla, omnye ngomnye.
- ★ Sonke singama-Afrika kwaye xa sisonke iinkumbulo zethu zenza ibali laseAfrika! Yenzani awenu amakhadi eenkumbulo athetha ngamabali enu. Kuza kufuneka nineziquwengana zekhadibhodi ezingangekota yephepha elibukhulu bungu-A4, iziquwengana zamaphepha akwangangezi khadibhodi, iikhrayoni zepensile okanye iikhrayoni nje, isikere kunye neglu. Qalani ngokuzinika ixesha apho umntu ngamnye azolileyo ecinga ngenkumbulo ekhethekileyo nebalulekileyo kuye. Ngoku ke cingani ngezinto ezintandathu okanye ezisibhozo ngaloo nkumbulo, eziza kukunceda ekubaliseni ibali elimalunga nalo nkumbulo. Zoba umfanekiso kuxwebhu lwephepha ngento nganye oyidingileyo malunga nalo nkumbulo. Ncamathisele imifanekiso kwikhadibhodi ukwenza amakhadi enkumbulo. Vumela wonke ubani ukuba afumane ithuba lokubonisa ngekhadhi ngalinye lenkumbulo njengokuba bebalisa ibali lenkumbulo yabo.

WIN!  
WINA!



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Auntie Boi's gift* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Isipho sikaMakazi uBoi* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkcukacha zophagamshelwano.



Drive your  
imagination



## Dear Na'ibali ... Na'ibali othandekayo ...

### Dear Na'ibali

I have two sons aged four and seven years. Both of them spend a lot of time "writing". The eldest one makes lots of spelling mistakes when he writes. The youngest one just scribbles and then says, "Look what I wrote." I am not sure whether I should be correcting them and showing them how to spell and write properly.

*Luleka Mduna, Motherwell*

### Dear Luleka

It's so wonderful to hear that your children choose to spend time writing! Motivation is a key part of learning to do something well, so keep encouraging them. You can do this by talking to them, reading to them and by showing an interest in what they have written. Talking to children and reading aloud to them provides them with language they can use in their writing. When you read your children's writing and ask them about it, you show them that you think it is important. If you are not quite sure what they have written, you can say, "Tell me about your writing." Or say, "Tell me about what you have written here."

When children start to write, all of them start by scribbling and saying it is writing. When children are a bit older, they often use the letters of the alphabet to make up the sounds in words they know, but are not able to spell correctly yet. Learning to write – just like learning to read – happens over time. It's a journey – and your children sound like they are well on their way already. Enjoy the journey together!

*The Na'ibali Team*



### Na'ibali othandekayo

Ndinoonyana ababini, omnye uneminyaka emine aze omnye abe nesixhenxe. Bobabini bachitha ixesha elininzi "bebhala". Lo omdala wenza iimpazamo ezininzi zopelo xa ebhala. Kanti omncinci uyarhoqoloza nje aze athi, "Jonga endikubhalileyo." Andiqinisekanga ukuba ndifanele ukubalungisa na ndibabonise indlela yokupela neyokubhala kakuhle na.

*Luleka Mduna, Motherwell*

### Luleka othandekayo

Kuluvuyo ukuva ukuba abantwana bakho bakhetha ukuchitha ixesha labo ngokubhala! Inkuthazo ngundoqo ekufundeni ukwenza into kakuhle, ngoko ke bakhuthaze. Oku unokukwenza ngokuthetha nabo, ukubafundela nangokubonisa umdla kwinto abayibhalileyo. Ukuthetha nabantwana nokubafundela ngokuvakalayo kubaxhobisa ngolwimi abanokulusebenzisa xa bebhala. Xa ufunda okubhalwe ngabantwana bakho futhi ubabuze ngako, ubabonisa ukuba ucinga ukuba kubalulekile oko. Ukuba akuqinisekanga ngento abayibhalileyo, unakho ukuthi, "Ndixeleleni ngenikubhalayo." Okanye yiithi, "Ndixeleleni ngenikubhalileyo."

Xa abantwana beqala ukubhala, bonke baqala ngokurhoqoloza baze bathi babhalile. Xa sebebada lana, bakholisa ukusebenzisa oonobumba bealfabhethekile ukuze babumbe izandi emagameni abawaziyo, kodwa abakakwazi ukupela ngokuchanekileyo. Ukuziqhelanisa nokubhala – kanye njengokuziqhelanisa nokufunda – kuthatha ixesha. Luhambo – kwaye abantwana bakho babonakala sebeluqalile uhambo lwabo. Yonwabelani olo hambo kunye!

*Liqela lakwaNa'ibali*



### WRITE TO US! SIBHALELE!

The Na'ibali Supplement  
The Na'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wyecroft Road  
Mowbray  
7700  
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)



### Dear Na'ibali

What can I do now to make sure that my two-year-old daughter will learn to read?

*Seshni Reddy, Durban*

### Dear Seshni

The easiest way to invest in your daughter's reading future is to read to her regularly. Reading aloud to young children shows them that you think reading is important. It also lets them enjoy stories and books, and this motivates them to learn to read for themselves later on. When we read aloud to children, we show them how we read and how books work. At the same time, we also develop their vocabulary and language. So, all you have to do is read to your daughter every day – it's that simple!

*The Na'ibali Team*



### Na'ibali othandekayo

Ndingenza ntoni ngoku ukuqinisekisa ukuba intombazana yam eneminyaka emibini iya kuziqhelanisa nokufunda?

*Seshni Reddy, Durban*

### Seshni othandekayo

Eyona ndlela ilula yokuba negalelo kwikamva lokufunda lentombazana yakho kukuyifundela rhoqo. Ukubafundela ngokuvakalayo abantwana abancinane kubabonisa ukuba wena ucinga ukuba ukufunda kubalulekile. Kuphinda kubenze bawonwabele amabali neencwadi, kanti oku kubakhuthaza ekubeni baziqhelanise nokuzifundela ngokwabo emva kwexesha. Xa sifundela abantwana ngokuvakalayo, sibabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi. Ngaxeshanye, siphinda siphuhlise isigama sabo kunye nolwimi. Ngoko ke, ekufuneka ukwenzile kukuyifundela yonke imihla intombazana yakho – kulula kangako!

*Liqela lakwaNa'ibali*



Drive your  
imagination

## Your story

**We love getting stories that you have written!**

Here is the story of Janga, which was written by Die Sterlopers Reading Club in Sutherland.

Helanne Malan, who is the leader of this reading club, had read the story, *Smerige dassie*, (*Dirty dassie*) from Edition 146 of the Nal'ibali Supplement to the children at her club. After this she did some of the story activities from the "Get story active!" page and then she gave the children a chance to create a story of their own. Helanne let them choose between a funny story or a horror story, and the children (all from Grade R and Grade 1) chose a horror story. They told the story in Afrikaans while Helanne wrote it down for them.

Here is their story in Afrikaans as well as a translation of it into English.

### Die spook van Sutherland

Deur Die Sterlopers-leesgroep

Daar was 'n spook genaamd Janga wat in die bosse om Sutherland gebly het. Hy het snags kinders bang gemaak en bedags het hy in die bosse buite die dorp gelê en slaap.

Hy het die mense, veral die kinders, van Sutherland baie bang gemaak. Veral as dit lekker warm buite was, het die kinders 'n bietjie later buite gespeel en dan het Janga toegeslaan.

Hy het die kinders weggesleep na sy bos, gebrui en geëet.

Die kinders het 'n plan beraam om Janga te vang.

Hulle het hom een aand voorgelê en gevang.

Die kinders het sy kop en arms afgekap, sy derms gebrui en saam met eiers geëet.

### Send us your writing and pictures!

You can post them to: The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Or email them to us at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). Don't forget to include your full name, age and contact details so that we can contact you.

### Sithumele okubhalileyo kunye nemifanekiso!

Unakho ukuziposela apha: The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Okanye uzithumele kuthi nge-imeyili apha [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). Ungalibali ukubhala igama lakho elipheleleyo, ubudala bakho kunye neenkukacha zonxibelelwano ukuze sikwazi ukuqhagamshelana nawe.

## Ibali lakho

**Siyakuthanda ukufumana amabali eniwabhalileyo!**

Nali ibali likaJanga, elalibhalwe yiKlabhu yokuFunda iDie Sterlopers eSutherland.

UHelanne Malan, oyinkokeli yale klabhu yokufunda, ufundele abantwana beklabhu yakhe ibali elithi, *Smerige dassie* (*UDumi imbila*), kupapasho loHlelo 146 lukaNal'ibali. Emva koku, wenze eminye yemisetenzana yamabali ayithatha kwiphepha elithi "Yenza ibali linike umdla!" waze wanika abantwana ithuba lokuqamba ibali elilelabo. UHelanne ubavumele ukuba bakhethe phakathi kwebali elingaqhelekanga okanye ibali eloyikisayo, baze abantwana (bonke ukususela kwiBanga R nakwiBanga loku-1) bakhetha ibali eloyikisayo. Babebalisa ibali ngesiAfrikansi aze uHelanne ababhalelona.

Nali ibali labo ngesiAfrikansi kunye noguqulelo lwalo esiNgesini nasesiXhoseni.

### The ghost of Sutherland

By Die Sterlopers Reading Club

There was a ghost called Janga who lived in the bushes around Sutherland. At night he scared the children and during the day he slept in the bushes outside the town.

The people of Sutherland, especially the children, were very scared of him. When it was nice and hot outside, the children played outside later than usual and that's when Janga pounced on them.

He dragged them into his bush, where he braided and ate them.

The children thought of a plan to catch Janga.

One evening they waited for him and caught him.

The children chopped off his head and arms, cooked his insides and ate it with some eggs.



### Isiporho saseSutherland

Libaliswa yiKlabhu yokuFunda iDie Sterlopers

Kwakukho isiporho esasibizwa ngokuba nguJanga esasihlala ematsholweni aseSutherland. Ebusuku sasisothusa abantwana ukuze emini silale ematsholweni ngaphandle kwedolophu.

Abantu baseSutherland, ngakumbi abantwana, babesoyika kakhulu. Xa kushushu kamnandi phandle, abantwana bebedlala bade badlule kwixesha labo lesiqhelo, xa kulapho uJanga ebebatsibela.

Ebeharhuqela etsholweni lakhe, apho ebebosa emlilweni aze abatye.

Abantwana bacinga iqhinga lokubamba uJanga.

Ngenye injikalanga bamlinda baze bambamba.

Abantwana bashunqula intloko yakhe neengalo, bapheka iinyama zakhe zangaphakathi bazitya kunye namaqanda.

### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination





Ingwenya ijikelezise amehlo ayo ngokucothayo, yaze yathetha ngelizwi elinzulu nelidumzelayo, “Ewe, ndingakwenzela ntoni, nyamakazananandini esileyo encinci?”

Uthe akufika kumnye wamanzi uHaruki, wakhwaza ngokuzingca, “Wheyi, Nkosi yeeNgwenya! Phuma emanzini! INkosi yemiVundla ifuna ukuthetha nawe!” Kuth e kwakuthi thu ingwenya enkulu sele isinekile, itsalela umzimba wayo onamandla ngaphandle emanzini isiya esantini, abahlobo bakHaruki bangcangcazela bakhfuzela. Abazange bayibone into eyayisoyikeka kangako.

When Haruki reached the edge of the water, he shouted boldly, “Hey, King of the Crocodiles! Come out of the water! The King of the Hares wants to talk to you!” Haruki’s friends shivered and gasped as a huge grinning crocodile pulled its powerful body out onto the sand. They had never seen anything so terrifying.

The crocodile rolled its eyes slowly, then said in a deep, rumbling voice, “Yes, what can I do for you, you cheeky little creature?”

## Haruki’s tail

### Umsila kaHaruki



Joanne Bloch  
Samantha van Riet  
Sebolelo Makapela



The hares can’t reach the mainland because the beautiful island they live on, is cut off from it by a river filled with hordes of hungry crocodiles. The hares are perfectly happy though – until cheeky Haruki decides it’s time to leave the island in search of a more adventurous life. As a way to escape, he plays a clever trick on the King of the Crocodiles, and *almost* gets away in one piece!



Imivundla ayikwazi kufikelela emhlabeni ngokubanzi kuba isiqithi esihle ehlala kuso, sahlulwe ngumlambo ozele iingwenya ezininzi ezilambileyo. Kodwa ke imivundla yonwabe kakhulu – kwade kwangumhla apho uHaruki onetshiki agqiba ukufulathela isiqithi ekhangela ubomi bokuhlola ilizwe nodelongozi. Njengecebo lokusinda nokuphepha iingwenya, uqhathe ngobukrelekrele iNkosi yeeNgwenya, waze waphantsa ukusinda cebetshu esaphelele!

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination





One day, an especially frisky young hare called Haruki suddenly had a brilliant idea.

“Guess what?” he boasted to his friends. “Today I’m going to escape to the mainland!” None of his friends believed him, but Haruki didn’t care. “Watch me!” he said, bouncing over to the sandy bank of the river.

Ngenye imini, umvundlana okhethekileyo nodlamke kakhulu ogama linguHaruki, waziwa umombono okhethekileyo.

“Uyazi yintoni?” uqhayise watsho kooontanga bakhe. “Namhlanje ndiza kusaba ndiyе kwele cala lingesosiqithi!” Akukho namnye kubahlobo bakhe owamkholelwayo, kodwa akazange akumanze oku uHaruki. “Zenikhangele!” utshilo, waze waxhumela kunxweme lomlambo olunesanti.



“Ninety eight! Ninety nine! One hundred!” Now there were no more crocodiles in front of Haruki – only the sandy bank of the mainland.


As he leapt off the back of the final crocodile, he let out a whoop of joy. “HA, HA! I TRICKED YOU!” he bragged as he flew through the air and landed on the sand. “You nasty crocodiles have just made a bridge for me to reach the mainland!”

When the last crocodile heard these words, he whipped his huge head around and bit off Haruki’s wagging tail with a loud *SNAP!* Haruki squeaked with fright, but carried on bouncing all the way up the bank. He didn’t really care that he had lost his tail because he had gained his freedom. And to this day, hares have short, stubby tails, just like Haruki!


“Amashumi alithoba anesibhozo! Amashumi alithoba anethoba! Ikhulu!” Ngeli thuba ke kwakungasekho ngwenya iphambi kwakhe uHaruki – into eyayikho lunxweme lwesanti lwalo mhlaba ungesosiqithi.

Uthe xa etsiba esehla kumqolo wengwenya yokugqibela, wakhwaza ezele luvuyo. “HEKE, HEKE! NGCIPH’ NANDIWEZA!” uqhayise watsho ngeli lixa antingela emoyeni esiya kuthi gxada esantini. “Zingwenyandini ezinoburhalarhume nindenzele ibhulorho yokuwela ndize kufika kweli cala lingesosiqithi!”

Ithe ingwenya yokugqibela yakuva la mazwi, yaguqula ngokukhawuleza intloko yayo enkulu yaze yaluma loo msila ujiwuzayo kaHaruki ngo *MNQWAMZO* omkhulu! UHaruki wankwiniza luloyiko, kodwa waqhubeka exhumaxhuma ukuya elunxwemeni. Wayengayinanzanga nakanye into yokuswela kwakhe umsila kuba wayeyifumene inkululeko yakhe. Kunanamhlanje, imivundla inemisila emifutshane, etyebileyo, njengoHaruki!







“Wow, it’s like one big party,” Kopano and Rea say.  
 “Maybe your gift sings a loud song,” Mama says smiling.  
 “Mhmm, we love loud songs,” the girls say.  
 “Wow, ngathi lithako elithile elikhulu,” kutsho uKopano noRea.  
 “Mhlawumbi isipho senu sicula ingoma evakala kakhulu,” atsho uMama encumile.  
 “Mhmm, siyazithanda iingoma ezivakala kakhulu,” atshilo amantombazana.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



“Look,” Rea says to Kopano, “traditional clothes!”  
 “Mhmm, do you think Auntie Boi bought us traditional clothes?” Kopano asks.  
 “Khangela,” utsho uRea kuKopano, “izivatho zesithethe!”  
 “Mhmm, ingaba ucinga ukuba uMakazi uBoi usithengele izivatho zesithethe?” abuze uKopano.

# Auntie Boi’s gift Isipho sikaMakazi uBoi

Baeletsi Tsatsi  
 Ndumiso Nyoni  
 Bianca Wiesner







“Look,” Kopano says to Rea, “so many fruits and vegetables.”

“Mhmm, do you think our gift tastes yummy?” Rea asks Kopano.

“Khangela,” kutsho uKopano kuRea, “ezingaka zona iziqhamo nemifuno.”

“Mhmm, ingaba uthi isipho sethu sinencasa naso?” uRea ubuza uKopano.



Kopano and Rea are going to town for the first time ever!



“We are here!” Mama says.

“Silapha!” utsho uMama.



UMama uthatha ifoto yamantombazana aze ayithumele kuMakazi uBoi.



“Khangela, ”kutsho uRea kuKopano, “izakhiwo eziphakame kangaka.”

“Mhmm, ucinga ukuba nesipho sethu siphakame kangaka Rea?” ubuza atsho uKopano.



